## ICANDELO A

## UVAVANYO LOKUQONDA

## ISICATSHULWA A

## UMBUZO 1

1.1 Umqhubi weteksi wahlawuliswa ama- R500 ngomgama ozikhilomitha ezingama -30. (2)

1.2 UJohnson wafunda imilebe yabo xa babethetha ,babe bona bengaqondi ukuba 'uyabeva'. (1)

1.3 Uthi xa uneshishini lakho akuyazi into eza kwenzeka ,kanti xa unomsebenzi osisigxina uqhele ukufumana umvuzo xa kuphel'inyanga. (2)

1.4 Ndingathi umbhali ufuna ukufundisa abantu ukuba mabamkele abantu abaneziphene emzimbeni ,bangabaqhathi/ ufuna ukufundisa abanye abantu abaneziphene emzimbeni ukuba mabangazisizeli.
[Kuya kwamkelwa iimbono zomvavanywa xa ebonisa ukubaluleka kweli nqaku,nemfundiso yalo.] (2)

1.5 (a) Akazange afumane bhanki inokumnceda ngemali mboleko kuba esisithulu. (1)
(b) Wayefuna abantu bokumenzela umsebenzi,bambi kubo bathathe idiphozithi bangawenzi umsebenzi lowo. (1)

1.6 Ndiyavelana noJohnson kuba uninzi lwabantu lubajongela phantsi abantu abaneziphene emzimbeni, babacalucalule.
[Apha siya kujonga indlela abaphendula nabazixhasa ngayo abavavanywa.] (2)

1.7 Ayamkelekanga kuba nokuba abantu zizithulu kodwa bangabantu.Iibhanki azinalungelo lakucalucalula. (2)

1.8 Umbhali ukhethe igama elidiza ukuqhatha omnye umntu ungenalusini/ ungamcingeli. (2)

**AMANQAKU ESICATSHULWA A: [15]**

**ISICATSHULWA B**

2.1 Ziziyobisi. (1)

2.2 Sisimntwiso. (1)

2.3 Ukusebenzisa isimntwisio kwenza ukuba lowo ufunda lo mhlomlo aqonde iziyobisi ezi ngathi ziyaphila,zingumntu xa ujonge intshabalalo eziza nayo eluntwini.
[Apha siya kujonga iimpendulo zabavavanywa xa bezathuza ngento ephuhliswa sisimntwiso.] (2)

2.4 Umbhali ubonisa ukuba lowo utya iziyobisi zimbophelela zimqamangele ade abe ngathi asoze akhululeke. Oku ukubonisa ngokusebenzisa isiqwengana ‘ikukhuleka' ngetyathanga‘ kuba ityathanga liqinile liyabamba. (2)

2.5 (a) Isihiba – isiphukuphuku/ isibhanxa/isidenge/umntu ongaqondiyo. (1)
(b) Ukudandatheka – ukukhathazeka/ukuxheleka. (1)

2.6 (a) Kungenxa yoxinzelelo lweentanga.
(b) Ziimeko abakhulela kuzo abantwana ezinjengokuxhatshazwa ekhaya.
(c) Ziingxaki esikolweni.
[Naziphi na ezi-2 kwezi mpendulo zamkelekile.] (2)

2.7 Hayi – Kufanele ukuba umntu asebenzise ingqondo yakhe kuba oontanga abathathi ziyobisi bazifake emlonyeni ngenkani okanye.
Ewe – Banganempembelelo embi, babe ke befikelele kwibhetyebhetye. Kukho uloyiko lokuba kuthiwe akulandeli.
[Silindele iimpendulo ezivakalayo ezizolu hlobo. Xa esithi Ewe okanye Hayi umvavanywa makazixhase ngokuvakalayo.] (2)

2.8 Ndingamcebisa ngelithi iziyobisi ziyingozi makahlukane nazo. Ziyakwazi ukuyihlutha ingqondo, de mhlawumbi asweleke lowo uzisebenzisayo.
[Ngumzekelo nje lo wohlobo lwempendulo abanokulinika abavavanywa.] (2)

2.9 Umtshabalalisi wesizwe.
[Apha abavavanywa baya kuza ngokuza nezihloko zabo. Okubalulekileyo kukuhambelana kwesihloko asinikileyo kunye nomongo lo webali.] (1)

**AMANQAKU ESICATSHULWA B: [15]**

**AMANQAKU ELI CANDELO A: 30**

## ICANDELO B

1. Kumfanekiso A,umfundisintsapho uyafundisa ngeli xesha ku-B kuvuyiswana nomntwana ophumeleleyo.

2. Kumfanekiso A kuyafundwa ngabafundi bekwaphulaphule ngendzondelelo,bebonakalisa umdla kwisifundo eso sifundiswayo ngokudlamkileyo ngutitshala ,kumfanekiso B, imo yeyokubhiyoza nokuvuyisana'.

3. Basonwabele isifundo sabo kumfanekiso A,konwatyelwe impumelelo kumfanekiso B.

4. Butyhilekile kuba yimincili kumfanekiso B. Butyhila ukwaneliseka, umdla, nokuzinikela kumfanekiso A.

5. Lulonwabo /ukwaneliseka /ukuzimisela/ulutsha nabantu abadala.
   [Lo ngumkhomba -ndlela abafundi baza kuvela neempendulo ezahlukahlukeneyo.

**AMANQAKU ELI CANDELO B: 10**

## ICANDELO C

## UKUSETYENZISWA KOLWIMI

### UMBUZO 3

| | | | |
|---|---|---|---|
| 3.1 | 3.1.1 | Usetyenziswe walandela isibizo esichazwayo. | (1) |
| | 3.1.2 | Usetyenziswe walandela isimelabizo sokwalatha/ Wandulelwe sisimelabizo sokwalatha. | (1) |
| 3.2 | 3.2.1 | Yintloko/Umenzi. | (1) |
| | 3.2.2 | Injongosenzi/Umenziwa. | (1) |
| 3.3 | 3.3.1 | Libonisa indawo. | (1) |
| | 3.3.2 | Libonisa indawo engekho kude / kufutshane nendawo leyo. | (1) |
| 3.4 | Imo yokuyalela. | | (1) |
| 3.5 | Cinga ukuba masiyilungise kanjani le meko yokujongelwa phantsi kwamalungelo abanye abantu. | | (1) |
| 3.6 | 3.6.1 | Eka: Ubonisa into eqhubekayo nenokwenzeka. | (1) |
| | 3.6.2 | Ana: Isenzo esenzeka calanye. | (1) |
| | | | **[10]** |

### UMBUZO 4

| | | | |
|---|---|---|---|
| 4.1 | 4.1.1 | Ukuthuka/Ukugxeka/Ukunyelisa/Ukudlwengulwa. | (1) |
| | 4.1.2 | Ukutsalela abathengi ukuba bayithenge. | (1) |
| 4.2 | Leli xabiso xa sele ifakelwe irhafu,kanti kwezamanye amazwe ayikafakwa irhafu. | | (1) |
| 4.2 | Abathandi bebhola ngenxa yokuba imixholwana emininzi ichaphazela imidlalo yebhola. Ulutsha kuba luyayithanda ifashoni. | | (1) |
| | | | **[4]** |

### UMBUZO5

Erhawutini > eRhawutini.

Zingatshi > bangatshi.

Ibola > ibhola.

Esifuna ukuyiqonda ndawana > Ndawana esifuna ukuyiqonda.

Inqhondo > ingqondo. **[5]**

**UMBUZO 6**

Ixabiso elifikekelayo ,inani loonomathotholo abaseleyo, usuku olunye lwesibhengezo ntengiso, ukugqamza ngomculo – isandi salo mshini. **[4]**

**UMBUZO 7**

| | | |
|---|---|---|
| 7.1 | Amarhe/Umingimingi. | (1) |
| 7.2 | Isitshotho. | (1) |
| 7.3 | Ukukhwezela. | (1) |
| | | **[3]** |

**UMBUZO 8**

| | | | |
|---|---|---|---|
| 8.1 | 8.1.1 | Itshomi. | (1) |
| | 8.1.2 | Ukutolika. | (1) |
| 8.2 | 8.2.1 | ULizo lelona qabane lam ndilixelela zonke iimfihlo zam. | (1) |
| | 8.2.2 | Iqabane endisebenzisana nalo kumbutho weANC nguSipho. | (1) |

**AMANQAKU ELI CANDELO C: 30**

**EWONKE AMANQAKU: 70**